Isalathiso: 20200224-4903
Inombolo yefayili: 13/10/1/2
Imibuzo: S Doolings

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0003/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beeMvavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Kucelwa izicelo zezithuba zeemodareyitha zangaphakathi, zabamakishi abaziintloko, zamasekela-bamakishi abaziintloko, zabamakishi abakhulu nabamakishi, kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zango-2020– nakwiimviwo zeSatifikethi seMatriki *(SC)* zango-2021

1. Kucelwa ootitshala, abacebisi bezifundo nabacwangcisi bezekharityhulam abakhulu abazifezekisayo iikhrayitheriya (ezicaciswe **kwisiHlomelo A**) ukuba bafake izicelo zezithuba zokuqeshwa njengeemodareyitha zangaphakathi, abamakishi abaziintloko, amasekela-bamakishi abaziintloko, abamakishi abakhulu, nabamakishi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zangoNovemba 2020 neemviwo zeSatifikethi seMatriki *(SC)* zangoJuni 2021.

2. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kutyunjelwa ithuba LONYAKA OMNYE kuphela. Ngoko ke, bonke abamakishi abaqeshwa ngo-2019 abanqwenela ukumakisha ngethuba lomjikelo ka-2020-2021, **mabafake izicelo kwakhona ngo-2020.**

3. **Umenzi-sicelo ngamnye** nokuba ngummakishi oqalayo okanye ophindayo, makafake isicelo ngokungena kuGoogle Chrome esebenzisa isistim entsha yokwenza isicelo kwikhompyutha apha: https://exams.westerncape.gov.za/markers ngokuthi balandele la manyathelo acaciswe **kwisiHlomelo B.**

4. Ilinki ye-*screencast*, enika inkcazo eneenkcukacha yamanyathelo amakalandelwe malunga nezicelo zabamakishi inokufunyanwa kwi-*homepage* yeziko lewebhu, ukufaka isicelo.

5. Abenzi-sicelo mabafake **izicelo zawo onke amaphepha ezifundo nezithuba** abanqwenela ukuqwalaselelwa zona. Umzekelo ukuba umenzi-sicelo ufaka isicelo sokuqeshwa njengesekela-mmakishi oyintloko, lo menzi-sicelo ulolu hlobo makafake isicelo sokuba ngummakishi omkhulu nommakishi. Kucelwa niqaphele ukuba ukuba

ummakishi, umzekelo, wenza isicelo sesithuba sesekela-mmakishi oyintloko kuphela, umenzi-sicelo akanakuqwalaselelwa isithuba sokuba ngummakishi omkhulu okanye ummakishi.

6. Yimfuno emiselweyo kubo bonke **abamakishi abasaqalayo** ukuba benze iiprofayili zabo kwikhompyutha. Mababhalise kwisistim yekhompyutha *(online system*) phambi kokuba bagqibe inkqubo yokwenza isicelo. Bakuba bebhalisile abamakishi abasaqalayo, bamele ke ngoko ukuloga kwisistim ngeenkcukacha zabo abazinikiweyo baze bazalise izicelo zabo kwikhompyutha ngamanyathelo acacisiweyo. Kunyanzelekile ukuba abamakishi abasaqalayo bafake onke amaxwebhu abo ayimfuneko akhankanywe apha ngezantsi kumhlathi 9. Njengenyathelo lokugqibela mabaxele ukuba zeziphi na izifundo abafaka kuzo izicelo zokumakisha.

7. Abamakishi abasele **benazo iiprofayili** zabo abazenzileyo nabanqwenela ukufaka izicelo zokumakisha kwakhona ngo-2020, mabaloge bangene ngeenkcukacha zabo zokuloga eziqhelekileyo. **Mabayingqinisise** yonke ingcaciso ekhoyo kwisistim (amanyathelo 4-6) phambi kokuzalisa amacandelo anyanzelekileyo. Yakuba igqityiwe le nkqubo, baya kubanako ukwenza izicelo ezimiselweyo zokumakisha ngokuzalisa amanyathelo 7 no-8. Kucelwa niqaphele ukuba ukufakwa nje kwikhompyutha kwefom i-*2020 declaration* lululdwa*,* **akuthethi kuthi** usenzile isicelo. Kufuneka ufake isicelo sesithuba njengoko kuchaziwe kumanyathelo 7 no-8.

8. Kucelwa niqaphele ukuba izicelo zabamakishi abangazifakanga izicelo kunye nala maxwebhu alapha ngezantsi, baya kuqwalaselelwa njengabanezicelo ezingaphumelelanga.

9. La maxwebhu alandelayo makafakwe kwikhompyutha kunye nesicelo:
   - Ikopi yesazisi *(ID)* eqinisekisiweyo/amaxwebhu abemi bamanye amazwe
   - Ikopi/iikopi zezatifikethi eziqinisekisiweyo zamabanga emfundo yoqeqesho
   - Iphemithi yomsebenzi (kwimeko yabenzi-sicelo abavela kwamanye amazwe)
   - Ubungqina bokuba babhalisile kwi-*South African Council for Educators (SACE*)
   - Ubungqina bendawo yokuhlala
   - Ifom eyi-*Declaration form* esayiniwe ngumenzi-sicelo nayinqununu/nangumlawuli wesithili (nenomhla ongunyaka ka-2020).

10. Aba titshala balandelayo abanakuqeshwa njengabamakishi:
    - Utitshala owakha wagxothwa enkonzweni kulo naliphi na isebe likaRhulumente waseMzantsi Afrika
    - Utitshala owathatha iphakheji yokuyeka emsebenzini ngokuzithandela (*voluntary severance package*)
    - Utitshala owathatha umhlalaphantsi ngenxa yezizathu zempilo.

11. **Izifundo ezinovavanyo lobuchule *(competency test)***

11.1 Ngo-2020, iSebe i*WCED* liya kubhalisa iimvavanyo zobuchule kwezi zifundo zilandelayo:

- *Accounting*
- *Business Studies*
- *Consumer Studies*
- *Economics*
- *English Home Language*
- *Geography*
- *History*
- *Life Sciences*
- *Mathematics*
- *Mathematical Literacy*
- *Physical Sciences*

11.2 Kuphela ngabenzi-sicelo abaphumelele ngo-60% nangaphezulu kwezi mvavanyo zobuchule abaya kuqwalaselelwa ukuqeshwa njengamagosa amakishayo.

11.3 Abenzi-sicelo abazibhalayo iimvavanyo zobuchule kwezi zifundo zikhankanywe apha ngentla phakathi ko-2011 no-2019 nabaphumelela ngereyithi yokupasa engu-60% nangaphezulu **akuyomfuneko ukuba baziphinde** iimvavanyo zobuchule kwezi zifundo ngo-2020. Nakuba kunjalo, bayakhuthazwa abenzi-sicelo ukuba bazibhale iimvavanyo zobuchule xa benqwenela ukuphucula iziphumo zabo.

11.4 Kuya kuthathwa onke amanyathelo ukulungiselela abenzi-sicelo babhale kwindawo ekwisithili semfundo abaphantsi kolawulo lwaso. Iindawo nemihla yeemvavanyo zobuchule ziya kwaziswa umenzi-sicelo ngamnye.

11.5 Iimvavanyo zobuchule ziya kususelwa kwikharityhulam yesifundo okanye yephepha le*NSC* nakwizakhono zokumakisha ezifanelekileyo kweso sifundo okanye kwelo phepha. Kwimeko ye-*Accounting*, i-*Business Studies,* i-*Geography*, i-*History* ne-*Mathematical Literacy,* abenzi-sicelo baya kuvavanywa kwikhontenti yekharityhulam yePhepha 1 no-2 edibene. Kwimeko ye-*English Home Language*, abenzi-sicelo baya kuvavanywa kwikhontenti yekharityhulam yePhepha 1, 2 no-3 edibene.

11.6 Imihla ecwangcisiweyo yokubhalwa kweemvavanyo zobuchule (*competency tests)* ngowe-04 ukuya kowe–07 Meyi 2020.

11.7 Kulindeleke ukuba nawuphi na umntu owenza isicelo kwisithuba sokuba ngummakishi oyintloko okanye imodareyitha yangaphakathi abekho ukuqalisa imisebenzi yomvi, yemodareyitha nommakishi wovavanyo lobuchule (*competency test*) kweso sifundo ukulungiselela umjikelo wovavanyo lobuchule wango-2021.

12. **Imihla yezicelo nokungeniswa kwee-*declaration forms***

Isithuba sesicelo	**Umhla wokuvula ukungeniswa kwezicelo**	**Umhla wokuvala ukungeniswa kwezicelo**
Imodareyitha yangaphakathi Ummakishi oyintloko Usekela-mmakishi oyintloko Ummakishi omkhulu Ummakishi	06 Matshi 2020	27 Matshi 2020

13. Bonke abenzi-sicelo mabazalise ifom eyi-*declaration form* (eqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane **njengesiHlomelo C**). Makuqinisekiswe ukuba iyasayinwa yaye ifakwe isitampu yinqununu/ngumlawuli wesithili, ize ifakwe kunye nesicelo kwisistim yekhompyutha.

14. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kwaziswa ngokuqeshwa kwabo ngokubhalelwa yaye kuya kufuneka basayine imvumelwano neSebe i*WCED*. Enye imbalelwano emalunga nenkqubo yokumakisha iya kwaziswa nge-imeyili kubo bonke abenzi-sicelo abaphumeleleyo.

15. Kucelwa uqhagamshelane nala magosa alandelayo ukuba ufuna uncedo nokuba loluphi na:

Isithili	**Igosa**	**linkcukacha zoqhagamshelwano**
Cape Winelands Eden and Central Karoo	*Nicole Gezwint*	Nicole.Gezwint@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 9329
Metro East Metro South	*Gladwyn Smith*	Gladwyn.Smith@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 2992
Metro North West Coast	*Christal Mentor*	Christal.Mentor@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 2009
Metro Central Overberg	*Sean Kloppers*	Sean.Kloppers@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 2980

16. Ukumakishwa kweencwadi zeempendulo zemviwo ze*NSC* ngomnye kwimisebenzi ebaluleke gqitha yenkqubo yoviwo. ISebe iWCED liyazingca ngokuqeshwa kwabamakishi abanobuchule nabanamabanga emfundo afanelekileyo. Iinqununu namanye amagosa amakhulu anika iingcebiso ngabamakishi, mabawenze lo msebenzi wabo ngokunyanisekileyo nangentembeko.

17. Kucelwa iinqununu, abalawuli besithili, abaphathi beesekethe nabacebisi bezifundo, bazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukwenzela ukuba babenolwazi ngeekhrayitheriya zokuqeshwa nangenkqubo yokwenza isicelo emayilandelwe. **ICandelo loLawulo loVavanyo alinako ukuthwaliswa uxanduva ngenxa yokuba ootitshala bengaziswanga ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane okanye ngokuba bengawangenisanga onke amaxwebhu ayimfuneko:**

18. ISebe i*WCED* lithembele kwintsebenziswano nenkxaso yenu kulo mbandela ubaluleke kangaka.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-03-05

1. **Iikhrayitheriya zokuqeshwa kweemodareyitha zangaphakathi, kwabamakishi abaziintloko, namasekela-bamakishi abaziintloko**

1.1 Abenzi-sicelo kwisithuba semodareyitha yangaphakathi nesommakishi oyintloko mababe namava okufundisa eminyaka esibhozo (8) ubuncinane yaye babe neminyaka emihlanu (5) yamava okufundisa eso sifundo sichaphazelekayo kwiBakala 12.

1.2 Abenzi-sicelo kwisithuba samasekela-bamakishi abaziintloko ubuncinane mababe neminyaka emihlanu (5) yamava njengommakishi namava eminyaka emibini (2) njengommakishi oyintloko kweso sifundo senzelwa isicelo.

1.3 Kwimeko yabamakishi abaziintloko, amava ayimfuneko, kufuneka amava okuba yimodareyitha, ngummakishi oyintloko okanye lisekela-mmakishi oyintloko kwiminyaka edlulileyo.

1.4 Kwimeko yeemodareyitha zangaphakathi, kufuneka amava okuba yimodareyitha, ngummakishi oyintloko okanye lisekela-mmakishi oyintloko kwiminyaka edlulileyo.

1.5 Bonke abenzi-sicelo mababe basifundisile isifundo esikolweni esibhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) kwiminyaka emibini ubuncinane kule ilandelayo: 2016, 2017, 2018, 2019 no-2020.

1.6 Kuya kuqala kukhethwe ootitshala abayifundisayo ngoku i-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS*) kubaviwa beBakala 12.

2. **Iikhrayitheriya zokuqeshwa kwabamakishi abakhulu**

2.1 Abenzi-sicelo kwisithuba sommakishi omkhulu mababe namava okufundisa eminyaka esibhozo (8) ubuncinane yaye babe neminyaka emihlanu (5) yamava okufundisa isifundo esichaphazelekayo kwiBakala 12.

2.2 Abenzi-sicelo kwesi sithuba sommakishi omkhulu mababe namava eminyaka emithathu (3) ubuncinane njengommakishi kwisifundo esenzelwa isicelo sokumakisha.

2.3 Bonke abenzi-sicelo mababe basifundisile isifundo esikolweni esibhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC*) kwiminyaka emibini ubuncinane kule minyaka ilandelayo: 2016, 2017, 2018, 2019 no-2020.

2.4 Kuya kuqala kukhethwe ootitshala abayifundisayo ngoku i-*CAPS* kubaviwa beBakala 12.

3. **Iikhrayitheriya zokuqeshwa kwabamakishi**

Abenzi-sicelo mababe namava eminyaka emibini (2) yokufundisa eso sifundo sichaphazelekayo kwiBakala 12. Kukwafuneka nokuba babe basifundise isifundo kangangeminyaka emibini (2) kule ilandelayo: 2016, 2017, 2018, 2019 no-2020. Kuya kuqalwa kukhethwe ootitshala abayifundisayo i*CAPS* kubaviwa beBakala 12. Akukho mntu ogxothiweyo enkonzweni yeSebe iWCED uya kuqwalaselelwa nasiphi na isithuba sommakishi.

4. **Iikhrayitheriya eziqhelekileyo kubo bonke abenzi-sicelo**

4.1 Bonke abenzi-sicelo mababe namabanga emfundo eminyaka emithathu afanelekileyo asemva kweSatifikethi seMatriki (*three-year post Senior Certificate qualification*) abandakanya isifundo esichaphazelekayo **kwinqanaba lonyaka wesibini ubuncinane, kodwa kukhethwa ukuba ibe linqanaba lonyaka wesithathu**.

4.2 Abenzi-sicelo mababe benza inkonzo kumaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC)*.

4.3 Abenzi-sicelo abalandelayo **abayi** kuqwalaselelwa ukuqeshelwa ukumakisha iimviwo ze*NSC*:

4.3.1 Iinqununu okanye iinqununu ezibambeleyo; kunye

4.3.2 Abenzi-sicelo kwizifundo ezingenazo iimvavanyo zobuchule abaneminyaka okanye abaya kugqiba iminyaka eyi-65 ubudala ngethuba lokumakisha.

4.4 Abenzi-sicelo mababe bapaselwe ngereyithi yokupasa yesikolo engu-70% eyona isezantsi kwiimviwo ze*NSC* zango-2019 kwisifundo esifundiswayo kwiimvavanyo ezingezizo ezobuchule (*non-competency test subjects*).

4.5 Abenzi-sicelo abenza isicelo sokumakisha i-*History Paper* 1 no-2 mababe bawafundise onke amacandelo ekharityhulam *yeHistory*.

4.6 Ukuqeshwa kwamaqela okumakisha **kuya kujongisiswa qho ngonyaka** ukuqinisekisa ukuba amagosa amakishayo asazifezekisa iikhrayitheriya zokuqeshwa kwawo kwizithuba.

4.7 Abantu abaqeshelwe ukumakisha, abayi kukhululwa naphantsi kwayo nayiphi na imeko ngemihla yokumakisha.

4.8 Imvumelwano yegosa elimakishayo elingazifezekisiyo iikhrayitheriya zokuqeshwa iya kupheliswa.

4.9 Amagosa amakishayo achazwe njengangenabuchule bokuwenza lo msebenzi kumaziko okumakishela okanye ngethuba lomsebenzi wokumakisha kwakhona kwamaphepha (*re-mark exercise*), awayi kuqeshwa kwakhona.

4.10 Abenzi-sicelo abenza isicelo sokumakisha iPhepha 2 (*Literature*) kwiiLwimi mababe bazifundile baze benza uphando ngazo zonke ezo ncwadi zimiselwe ukubhalwa kwiimviwo, kungabi zezo ncwadi zifundwe ngabaviwa babo ezikolweni zabo kuphela.

4.11 Onke amagosa amakishayo makanike ummakishi oyintloko iimpendulo zengqikelelo kwiphepha lemibuzo abaqeshelwe ukulimakisha ngosuku lokuqala lokumakisha. ISebe i*WCED* linokukurhoxisa ukuqeshwa kommakishi osuka athi gqi kwiziko lokumakishela engakhange azenze iimpendulo zengqikelelo zephepha lemibuzo aqeshelwe ukulimakisha. Le mfuno ayibabandakanyi abamakishi bePhepha 3 leeLwimi. Nakuba kunjalo, aba bamakishi mabaziqhelanise nezihloko ezivavanywayo kwiphepha lemibuzo elichaphazelekayo.

4.12 Umntu osekhefini ngeli thuba liphambi kokumakisha nangethuba lokumakisha, kuya kupheliswa ukuqeshwa kwakhe njengemodareyitha yangaphakathi, ummakishi oyintloko okanye usekela-mmakishi, ummakishi omkhulu, okanye njengommakishi. Umntu othe ekupheleni konyaka wabe esekhefini kangangeentsuku ezingaphezu kweziyi-50 kunyaka wethuba lokumakisha, naye kuya kupheliswa ukuqeshwa kwakhe. Oku kusebenza kuzo zonke iindiidi zekhefu.

4.13 Umntu onqunyanyisiweyo ngethuba lokumakisha, kuya kupheliswa ngokukhawuleza ukuqeshwa kwakhe njengegosa elimakishayo .

4.14 Umntu onelungu losapho, elihlala naye, nelibhala iimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2020 akakufanele ukuqeshwa njengemodareyitha yangaphakathi, ummakishi oyintloko okanye usekela-mmakishi oyintloko okanye njengommakishi omkhulu. Ukuba umntu ololu hlobo unelungu losapho elihlala naye ngaye nawuphi na unyaka kwakhe kumjikelo wokuqeshwa weminyaka emithathu, umntu ololu hlobo kuya kufuneka ehle kwisikhundla sokuba yimodareyitha yangaphakathi, ngummakishi oyintloko okanye usekela-mmakishi oyintloko okanye ummakishi omkhulu ngethuba lonyaka ochaphazelekayo wokuba enesizalwane esibhala iimviwo ze*NSC*. Nakuba kunjalo, umntu ololu hlobo unokwenza isicelo sasono nasiphi na isithuba sommakishi kweso sifundo.

4.15 ISebe i*WCED* liya kukuphelisa ukuqeshwa kwakhe nawuphi na umntu ongayenzi ngokwanelisiyo imisebenzi eluxanduva lwakhe ngalo naliphi na ithuba lokumakisha kula achazwe ngentla apha.

URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Inkcazelo ngenkqubo yokwenza isicelo kwikhompyutha sesithuba sokumakisha seSebe leMfundo leNtshona Koloni

Isistim eyi-*Western Cape Education Department (WCED) Online Markers System* ivumela ootitshala babhalise yaye bafake izicelo kwikhompyutha kwizithuba zokumakisha. Ibrawuza esebenza kakuhle ukuxhasa isistim yokwenza isicelo kwikhompyutha yi-***Google Chrome*.** Le brawuza isebenza kakuhle xa isetyenziswa kwidesktophu yekhompyutha, kwilephutophu okanye kwithablethi. Musa ukusebenzisa i-*smartphone* kwii-aplikeyishini zekhompyutha *(online applications*). Bakuba befake izicelo zabo ootitshala kwisistim banako ukuyilandelela imeko *(track the status*) yezicelo zabo kwikhompyutha.

Isistim ivumela ukungqinisiswa kwamaxwebhu asayiniweyo ee-*declaration forms* ezingenisiweyo.

I-*WCED Online Markers System* yenzelwe ukuba kube lula kootitshala ukufaka isicelo kwizithuba zabamakishi kwikhompyutha. Isistim ikwenza kube lula ukubhalisa, ukuhlaziya iiprofayili zabo, ukungenisa amaxwebhiu achaphazelekayo kwakunye nokwenza isicelo kwisithuba sokumakisha.

La manyathelo ashwankathelwe apha ngezantsi. Makuqatshelwe ukuba wakuba uloge wangena kwisistim, ziyafumaneka iimanyuwali zabasebenzisi ezinenkcazelo kwisistim ukukwenzela lula.

Amanyathelo 1–3

Makazaliswe ngabo **bonke abasebenzisi abatsha**:

- Ootitshala abenza izicelo mabaklikhe kwi-*drop-down menu*, ebhalwe *for teachers*.
- Amagosa ezithili enza izicelo makaklikhe kwi-*drop-down menu*, ebhalwe *for district officials*.
- Bonke abasebenzisi ababhalisileyo baya kufumana i-*default role* yaye baya kuthi kwangoko baqhubeke ngale nkqubo.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2964 Fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za



Amanyathelo 7–8:

Makazaliswe ngabo **bonke ootitshala** abanenjongo yokwenza isicelo kwisithuba sokumakisha.





Western Cape Government
Education

Annexure C

DECLARATION BY INTERNAL MODERATORS, CHIEF MARKERS, DEPUTY CHIEF MARKERS, SENIOR MARKERS AND MARKERS
MARKING OF THE NOVEMBER 2020 NATIONAL SENIOR CERTIFICATE (NSC) EXAMINATIONS AND THE JUNE 2021 SENIOR CERTIFICATE (SC) EXAMINATIONS

Full name(s): _____ **Surname:** _____

ID number: _____ **Persal number:** _____

I, _____ **hereby declare that:**

1. I am currently appointed on a full-time basis as a:
(Tick appropriate box)

FET subject adviser		**Senior Curriculum Planner**		**Teacher**	

for _____ at _____
(subject) ***(school/district)***.

2. I currently advise/teach or previously advised/taught _____ ***(subject)*** on a full-time basis at Grade 12 NSC level in the following years:
(Please indicate the number of learners taught per year)

2016		**2017**		**2018**		**2019**		**2020**	

3. I have a relative (i.e. son, daughter, sister or brother) **or** a candidate living with me who is writing the November 2020 NSC examination in the subject I am applying for.
(Tick appropriate box)

Yes		**No**	

4. I am competent to mark in:
(Tick appropriate box)

English only		**Afrikaans only**		**English and Afrikaans**	

5. I acknowledge that the WCED will terminate my appointment contract for marking in the event that I am on leave during the period leading up to marking and inclusive thereof, if I am absent from work for more than 50 working days in the 2020 academic year and in the event of submitting a false declaration.

I hereby certify that the above information is correct in all aspects.

Signature of Applicant		**Date**	

I hereby certify that the above information is correct in all respects and that the applicant is a full-time teacher/official who has taught/been an adviser for the subject and paper at Grade 12 level for at least two of the years 2016, 2017, 2018, 2019 and 2020.

Signature of Principal/Director		**Date**	
Full name and surname of Principal/Director			

NB: Declaration forms must be completed annually for appointment as a marking official.

STAMP OF SCHOOL / INSTITUTION